Oku kuthetha ukuba awunako ukwala ukuthabatha inxaxheba kuPhando lwaBemi oluQhubekayo- uHlaziyo lweSikhokelo soYilo ngokuTsha lweNkqubo yoPhando loMzi ngokuthembela kwi-POPIA kuba oku kuya kuthintela i-Stats SA ekubeni isebenzise amagunya kwaye yenze imisebenzi yayo ngokomThetho wezeeNkcukacha maNani kwaye uya kube wophula icandelo le-16(2) lomThetho wezeeNkcukacha maNani.

Iza kuphathelana nantoni inkqubo yoHlaziyo lweSikhokelo?

IGosa elinoXanduva neliNika uLwazi (Listing and Publicity Officer) (LPO) liya kutyelela uluntu olukhethiweyo ukuze lihlaziye kwaye ligcine iSikhokelo soLwazi lweJografi (Geographical Information Frame) (GIF).

I-LPO iya kuphononongа kwidilesi/kwindawo yokuhlala nganye isebenzisa iMobile Mapping Application ukufaka kunye nokuhlaziya isakhiwo ngasinye esikwiyadi/isiza esiphononongiweyo.

Inkqubo yoHlaziyo lweSikhokelo

a) I-LPO iya kuphononongа uluntu olukhethiweyo isebenzisa iMobile Mapping Application.
b) Yakube ikwidilesi ekhethiweyo, i-LPO iza kunika ulwazi kwaye iseke ubudlelwane bentsebenzisano nabaphenduli.
c) Lwakube ufikelelo lunikiwe lokuqhuba imisebenzi yoHlaziyo lweSikhokelo, i-LPO iza kuhlola izakhiwo eyadini, kwaye iqokelele ulwazi olungaphaya (ukuba kuyafuneka) ngolungiselelo lokuhlala kunye nokusetyenziswa kwezakhiwo ezohlukeneyo.
d) I-LPO kufuneka ifake iinkcukacha zoqhagamshelwano kwindawo nganye yokuhlala erekhodiweyo. Ezi nkcukacha zoqhagamshelwano ziquka igama, ifani kunye nenombolo yoqhagamshelwano yomntu onika ulwazi.

EzeeNkcukacha maNani zoMzantsi Afrika zingathanda ukukubulela ngothatho nxaxheba kunye nentsebenziswano yakho kule projekthi yoPhando lwaBemi oluQhubekayo- uHlaziyo lweSikhokelo soYilo ngokuTsha lweNkqubo yoPhando loMzi (CPS-HSPR).

I-Ofisi enguNdlunkulu: liNkonzo zoLwazi lwabaSebenzisi

Umnxeba: (012) 310 8600

Facebook: StatsSA

iwebhusayithi: www.statssa.gov.za

Twitter: @statssa

I-imeyile: info@statssa.gov.za

AbaLawuli beMisebenzi yangaPhandle bamaPhondo

Ntshona Koloni
Igama: Mahier Hattas
Nomoro ya mogala: 079 510 3249

EMpuma Koloni
Igama: Linda Sixhaso
Umnxeba: 082 902 6130

MNtla Koloni
Igama: Bonakele Phuzi
Umnxeba: 079 510 5004

Freyistata
Igama: Mafedile Motsei-Pule
Umnxeba: 082 781 4018

KwaZulu-Natal
Igama: Ntobeko Masondo
Umnxeba: 060 980 4103

MNtla Ntshona
Igama: Tebogo Bankoes
Umnxeba: 071 681 0440

Gauteng
Igama: Judas Ngobeni
Umnxeba: 082 907 4950

Mpumalanga
Igama: Caiphus Mashaba
Umnxeba: 084 804 5427

Limpopo
Igama: Kgaogelo Mathekga
Umnxeba: 082 888 2450

ISIXHOSA

UPHANDO LWABEMI OLUQHUBEKAYO- UYILO NGOKUTSHA LWENKQUBO YOPHANDO LOMZI (CONTINUOUS POPULATION SURVEY– HOUSEHOLD SURVEY PROGRAMME REDESIGN) (CPS HSPR)



Meyi 2025 – Septemba 2025

IMPROVING LIVES THROUGH DATA ECOSYSTEMS

stats sa
Department:
Statistics South Africa
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

30 YEARS OF FREEDOM

Yintoni uPhando lwaBemi oluQhubekayo- uHlaziyo lweSikhokelo soYilo ngokuTsha lweNkqubo yoPhando loMzi (CPS-HSPR)?

EzeeNkcukacha maNanzi zoMzantsi Afrika (Statistics South Africa) (Stats SA) ziza kuqhuba iprojekthi yoPhando lwaBemi oluQhubekayo- uHlaziyo lweSikhokelo soYilo ngokuTsha lweNkqubo yoPhando loMzi (CPS-HSPR) ukusukela ngowe-15 Meyi 2025 ukuya kowe-15 Septemba 2025.

Injongo yeprojekthi ye-CPS-HSPR kukunika imodeli yophando egxile kumphenduli nomsebenzisi eza kuqokelela ulwazi oluthembekileyo emizini kwiiyunithi zeendawo zokuhlala ezikhethiweyo kwimixholo eyahlukeneyo yeenkcukacha manani zabe nezasekuhlaleni kwinqanaba elinganeno lephondo phakathi kobalobantu.

Isikhokelo sesigaba sohlaziyo seprojekthi ye-CPS-HSPR siza kwenza ukuba iStats SA ihlaziye isikhokelo soKhetho olunguNdoqo ukuze ibe nesikhokelo esihlaziyiweyo nesichanekileyo esinokusetyenziselwa amaphando angoku kunye nawexa elizayo.

Enkosi ngothabatho nxaxheba lwakho.

Singoobani?

I-Stats SA ngumbutho ekukuphela kwawo eMzantsi Afrika oqokelela, uvelise kwaye ukhulule **iinkcukacha manani ezisemthethweni** ngabemi belizwe, imiba yezentlalo neyoqoqosho.

UmThetho wezeeNkcukacha maNani, 1999 (umThetho wesi-6 ka-1999) usivumela ukuba siqokelele ulwazi ebantwini abafana nawe, amashishini, okanye imithombo yolawulo enikwa ngamanye amasebe karhulumente, afana neSebe leMicimbi yezeKhaya.

Olu lwazi lusetyenziselwa **ucwangciso, ukwenza izigqibo, ukubeka iliso kunye nokuhlolwa kwemigaqonkqubo** ngurhulumente, amashishini kunye namanye amaziko.

Imfuno yolwazi oluchanekileyo


Ulwazi oluchanekileyo lwenza unikezo lweenkozo ezifanelekileyo kwimimandla ezifuneka kuyo.

Ubopheleleke nokusemthethweni ukuba unike abasebenzi bangaphandle eofisini beiStats SA imvume yokungena kumhlaba wakho kunye nokuphendula imibuzo yabo ngokunyanisekileyo.

UmThetho wezeeNkcukacha maNani ubeka iqela lezibophelelo kubemi, umbutho kunye nabasebenzi bethu bangaphandle eofisini, kwaye uchaza kananjalo izohlwayo zokungawuthobeli umThetho.

Qiniseka ukuba uyaluqonda **uxanduva lwakho ngokomThetho wezeeNkcukacha maNani**, kwaye udlale indima yakho ekwakheni uMzantsi Afrika lowo sinokuzidla ngawo sonke.

Indlela yokubona umsebenzi ngaphandle kweofisi we-Stats SA



Abasebenzi bethu ngaphandle kweofisi banokubonwa ngokulula ngamakhadi abo ee-ID e-Stats SA, iikepisi zeStats SA kunye neebhibhi zeStats SA abaza kube bezifakile.

Ukuba ngaba unokunqwenela ukuqinisekisa ukuba yinene kwakhe nawuphi ummeli weStats SA osebenza kwi-CPS-HSPR, okanye unayo nayiphi na imibuzo ngokuphathelene neprojekthi, nceda uqhagamshelane nomLawuli weMisebenzi yangaPhandle wePhondo oxelwe kweli phetshana.

Ungaqinisekisa kananjalo abasebenzi bethu abasebenza ngaphandle kweofisi ngewebpage yokuqinisekisa abasebenzi bangaphandle kweofisi kwiwebhusayithi ye-Stats SA website (www.statssa.gov.za), okanye ngokutsalela umnxeba iziko leminxeba le-Stats SA ku-0800 110 248.

UmThetho wezeeNkcukacha maNani nawe

Icandelo 16: Uxanduva lokuphendula imibuzo

- Abasebenzi ngaphandle kwofisi banokubuza wena okanye nawaphi na amanye amalungu omzi imibuzo enxulumene nomzi wakho kunye neemeko zenu zokuphila. Unesibophelelo somthetho sokuyiphendula ngokunyanisekileyo le mibuzo.

Icandelo 17: Ubumfihlo kunye nokuxela

- Abasebenzi bethu ngaphandle kweofisi banesibophelelo somthetho sokugcina ulwazi luyimfihlo kwaye abanako ukuxoxa ngoku naye nabani(phi) um(aba)ntu o(abanga) gunyaziswanga.

- Lwakube ulwazi lomzi wakho lulufakiwe, akukho mntu uza kubona ukuba luvele phi ulwazi.

Icandelo 18: Amatyala nezohlwayo

- Abasebenzi abafunyaniswe benetyala lokophula ubumfihlo banokohlwaywa ukuya kuma kuma-R10 000 okanye bavalelwe iinyanga ezintandathu, okanye zombini.

- Ukuba ngaba uyamalela umsebenzi ukuba angene kumhlaba wakho (icandelo 15) okanye uyala ukuphendula imibuzo (icandelo 16), unokohlwaywa ukuya kuma kuma-R10 000 okanye uvalelwe iinyanga ezintandathu, okanye zombini.

UmThetho woKhuselo loLwazi lobuQu, 2013 (umThetho 04 ka-2013) (POPIA)

Icandelo lesi-3 le-POPIA libonelela ngokuba i-POPIA ayinakutolikwa ngendlela ethintela naliphi na iziko likarhulumente okanye labucala ekubeni lisebenzise amagunya kwaye lenze imisebenzi yalo ngokomthetho, ukuya kufika apho umthetho unxulumene nokuba kusetyenzwe ngolwazi lobuqu.